



Inombolo yefayili: 26/6/3  
Isalathiso: 20241028-7794

ISetyhula: 0035/2024

Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakuMalungu amabhunga olawalo ezikolo zikarhulumente

Isishwankathelo esifutshane: *IMigaqo yoKusebenza eMiselweyo (Standard Operating Procedures) nemiyalelo emalunga nokulawulwa kweenkxaso-mali ezinikwa ihostele*

**ISihloko: IMigaqo yoKusebenza eMiselweyo (Standard Operating Procedures) neMiyalelo emalunga nokulawulwa kweenkxaso-mali ezinikwa ihostele**

- La maxwebhu iMigaqo yoKusebenza eMiselweyo (SOP) neMiyalelo emalunga nokulawulwa kweenkxaso-mali ezinikwa ihostele, asebenza ukususela ngoku kuzo zonke izikolo zikarhulumente ezineehostele eNtshona Koloni.
- Ngokweemfuno zemigaqo emiselweyo emalunga nokulawulwa ngokuyimpumelelo kwezicelo zenkxaso-mali nokwabiwa kwenkxaso-mali kwizikolo zikarhulumente ezineehostele, kuqulunqwe la maxwebhu mabini, ukunika imiyalelo kumabhunga olawulo emalunga nokuba zinokusingathwa njani na izicelo zenkxaso-mali yehostele.
- Injongo yala maxwebhu mabini yile:
  - I-SOP**

Kukuqinisekisa ukuba isicelo neenkqubo zokuvunywa kwezicelo zeenkxaso-mali yehostele ziyayithobela imigaqo emiselweyo nokubekwa kwayo esweni nokunika ingxelo ngokusetyenziswa ngokuyimpumelelo kweenkxaso-mali zehostele kwinqanaba lesikolo.
  - Imiyalelo**

Kukunika imiyalelo kumabhunga olawulo malunga nokuba zinokusingathwa njani na izicelo zeenkxaso-mali zeEhostele.

4. Makuqinisekiswa ukuba okuqulethwe kule setyhula, i-SOP nemiyalelo, kwaziswa iinqununu, abaqeshwa ebasezikolweni abenza umsebenzi wolawulo lweehostele nawo onke amalungu amabhunga olawulo ezikolo ezineehostele ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS

**INTLOKO:** YESEBE LEMFUNDO

**UMHLA:** 2024-11-15